URhulumente
weNtshona Koloni

ISebe leMfundo leNtshona Koloni
**Vuyelwa Madasi**
ICandelo lokuXhasa amaZiko ngeZibonelelo
Vuyelwa.Madasi@westerncape.gov.za | 021 467 2108

Inombolo yefayili: 5/8/4/1/2
Isalathiso: 20240606-4436

INgcaciso eMfutshane yeCandelo lokuXhasa amaZiko ngeZibonelelo: 0011/2024

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kuBaphathi beeSekethe, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBacebisi ngeZifundo nakwiiNqununu zezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo nezezikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa ezichaphazelekayo

**Isihloko: Ukusiwa kweencwadi zomsebenzi zeSebe i-*DBE* zamaBakala R ukuya kwele-9 ukulungiselela u-2025**

1. Njengoko kuchaziweyo kwileta esuka kwiSebe leMfundo esiSiseko (iSebe i-*DBE*), iSebe i-*DBE* liya kuprinta yaye lihambise iincwadi zomsebenzi kuzo zonke izikolo zikarhulumente (eziqhelekileyo nezemfundo eneemfuno ezizodwa) eNtshona Koloni ukulungiselela unyaka wekhalenda yesikolo ka-2025.

2. Ezi ncwadi zilandelayo ziya kusiwa ngqo ezikolweni:
   - Iincwadi zomsebenzi zeBakala R
   - EzamaBakala 1 ukuya kwele-6 zeeLwimi zeeNkobe
   - EzamaBakala 1 ukuya kwele-3 zeMathematika (kuLwimi lokuFunda nokuFundisa) (*LoLT*)
   - EzamaBakala 4 ukuya kwele-9 zeMathematika (kwisiNgesi nakwisi-Afrikansi)
   - EzamaBakala 1 ukuya kwele-6 zoLwimi lokuQala oloNgezelelweyo kwisiNgesi kunye
   - NezamaBakala 1 ukuya kwele-3 zeZakhono zoBomi (kuLwimi lokuFunda nokuFundisa) (*LoLT*)

3. **Imihla yokuziswa kweencwadi zomsebenzi**

3.1 IVolyum 1 ukulungiselela u-2025 (yeKota 1 neye-2) neyeBakala R, ziya kusiwa kuzo zonke izikolo ungadlulanga owe-30 Septemba 2024.

3.2 IVolyum 2 ukulungiselela u-2025 (yeKota 3 neye-4) iya kusiwa kuzo zonke izikolo ungadlulanga owe-30 Novemba 2024.

4. NgoMatshi 2024, kwakucelwe iSebe leMfundo leNtshona Koloni (iSebe i-*WCED*) ukuba linike iSebe i-*DBE* amanani abafundi aqikelelweyo eencwadi zomsebenzi eziza kuprintwa zisiwe ukulungiselela u-2025. Amanani abafundi anikwa iSebe i-*DBE* asuselwa kwingcaciso ekwi-*CEMIS* echaphazelekayo eyayifumaneka ngelo xesha.

5. Inani leencwadi zomsebenzi eziya kusiwa kwisikolo ngasinye ziyangqinelana namanani abafundi anikwa iSebe i-*DBE* liSebe i-*WCED*. Inani leencwadi zomsebenzi ngebakala ngalinye izikolo ezinokulindela lisiswe liSebe i-*DBE* linokujongwa kwiziko lewebhu le-*Learning and Teaching Support Material (Curriculum and Assessment Policy Statement textbooks)* (iincwadi zokufunda ze-*CAPS*) kwiziko lewebhu leSebe i-*WCED kule dilesi:* https://wcedonline.westerncape.gov.za/learning-and-teaching-support-material-ltsm).

6. Kule ngcaciso imfutshane kuqhotyoshelwe **njengesiHlomelo A,** uxwebhu olusisikhokelo oluchaza inkqubo elandelwayo phambi nangethuba lokusiwa kweencwadi zomsebenzi.

7. Zakuba zizisiwe iincwadi zomsebenzi ngumboneleli-nkonzo weSebe i-*DBE*, kulindeleke ukuba izikolo zithelekise inani leencwadi zomsebenzi ezizisiweyo namanani anikwe kweli ziko lewebhu likhankanywe apha ngentla. Naziphi na iincwadi ezizisiweyo zeelwimi ezingachanekanga okanye ezishotayo mazibhalwe kwiphepha elibubungqina bokuziswa kwazo (*proof of delivery*) (*POD*)) yaye oko makwaziswe umboneleli-nkonzo obezise iincwadi zomsebenzi egameni leSebe i-*DBE.*

8. Kucelwa nazise okukule ngcaciso imfutshane bonke abasebenzi abachaphazelekayo ukuze bakuthathele ingqalelo.

**ISAYINWE:** NGU-MS ABRAHAMS
**USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOCWANGCISO LWEMFUNDO**
**UMHLA:** 2024-06-25